

Phambili!

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality



Vorentoe/Forward

Indaba 7/2011

Novemba 2011

INQAKU LOMHLELI

KHUPHA
NAWOKUGQIBELA
AMANDLA AKHO!

Xa sele iyinyanga enye eseleyo phambi kokuphela konyaka noko umntu otyhaleyo angaxolelwa.

Ngeli thuba lonyaka kunzima ukuphakama emandlalweni uye emsebenzini, andisathethi ke ngosuku olude oza kujongana nalo usemsebenzini. Isizathu soku kungenzeka ukuba yindlela ophila ngayo ubomi bakho bonke okanye bubuninzi bomsebenzi wakho.

Khawukhe uthi xha umzuzwana ujonge imeko yobomi bakho. Cinga ngezinto ezintle ozenzileyo. Abanye abantu bazalwa bephumelele kanti abanye bazama kakhulu ukwenzela ukuba baphumelele. Ekugqibeleni ngenxa yomonde wabo bayaphumelela bayifumane into abayifunayo.

Ngamanye amaxesha ebomini siziva singathandwa kwaye bonke abantu bezele yintyo ngakuthi. Singabazonda kodwa loo nto inceda ntoni? Siza kuphila ubomi bentliziyo ekakra. Baxolele uzilibale iimpazamo ezenziwe ngabantu. Sonke sinetyala lokwenza ngaphantsi kunokuba besimele kwenza, asabonakalisa thando, asahleka asavelisa okuhle ebantwini.

Indlela abantu abacinga ngayo ngawe mayingakutyhafisi, kuba uyawazi ukuba angakanani na amandla akho okwenza izinto. Khumbula, umzingisi akanashwa.

Silibonile igalelo lomonde kwimpumelelo. Kwintlanganiselo yeBhunga yomhla wama-26 Okthobha 2011, uMnu Coenie Groenewald oyilNtloko: uMlawuli weNkonzo de kube sekupheleni kuka-Disemba waziswe njengoMlawuli kaMasipala olandelayo ukususela ngomhla wo-1 Janyuwari 2012. Ayingommangaliso lo? UbekwiBhunga iminyaka esi-8. Oko kuncede kakhulu. Funda ngaye kwinqaku lethu elilandelayo.

Ayinguyi wonke umntu owoniselakayo ziziphumo zika-TASK kwaye kukho imibuzo emininzi nezimvo ekufuneka zilungisiwe. Ekuqaleni ukwaziswa kuka-TASK kubasebenzi wanika ithemba kubo ingakumbi abo bakumanganaba asezantsi, kodwa ngoku oko kudale ukuthandabuzwa, ukungonwabi nokudana.

Sinethemba lokufumana impendulo yezo zinto kwinqaku lethu elilandelayo? Okwangoku nemibutho yabasebenzi ayikwazi kuza ngaphambili inike ingcaciso ngento eyenzekayo. Kukho imfuneko yengcaciso ngalo mcimbi!

Nizonwabele iibhonasi zenu!

NOLUTHANDO ZWENI
UMHLELI

Oyena masipala
otyale imithi
kuzwelonke

Kumsitho wokunikezelwa kwamabhaso obubanjwe ePitoli ngoLwesihlanu, umhla we-18 kuNovemba wama-2011, uMasipala wase-Overstrand uvakaliswe njengomasipala wezekhaya othe wangowokuqala ngqa ukuphumelela kuzwelonke kuKhuphiswano loYena Masipala uTyale iMithi. Esi sibhengezo sathi senziwa nguSekela Mphathiswa weMicimbi yezaManzi neNdalo, uNkszn. uRejoice Madudafhasi. UJohan van Taak, othe waququzelela ukungenela kwe-Overstrand olu khuphiswano, wamkele le ndebe, isiqinisekiso kwanetsheke yemali elibhaso egameni likaMasipala. Le mali ilibhaso engangezididi ezi-R 3.5, inokufumaneka kuphela xa kukho isicwangciso soshishino esivunyiweyo. Ezi mali zifanele zisetyenziselwe imicimbi yotyalo lwemithi nasekuhambiseleni phambili iinjongo zeeprojekthi zeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP), egxininisa ekudalweni kwamathuba emisebenzi yexeshana nekuthaza uphuhliso lwezakhono. Iprojekthi ezifanele ziqukwe apha kwesi sicwangciso soshishino zifanele zibandakanye ulawulo lwenkunkuma, ulawulo lwenkqubo yomhlaba ongasetyenziswayo okanye eminye imiba enento yokwenza nolawulo lwezendalo.

UGROENEWALD UBEKWE NJENGOMPHATHI
KAMASIPALA OLANDELAYO

UMnu. uCoenie Groenewald (56) ubekwe njengoMphathi kaMasipala olandelayo kuMasipala wase-Overstrand. Ngomhla woku-1 kuJanuwari wama-2012 nguye oza kungen' ezihlangwini zomphathi okhoyo sithethanje, uMmeli uWerner Zybrands, oza kuya kumhlala-phantsi ekupheleni kwalo unyaka.

Isigqibo sokubeka uMnu. uGroenewald samkelwe ngamxhelo-mnye liBhunga ekupheleni kuka-Okthobha emva kozengeze lwenkqubo yokutyunjwa kwabagqatswa ebibandakanya isazi ngengqondo sezoshishino. Zingama-41 zizonke izicelo ezithe zafunyanwa yaye bathandathu abagqatswa abathe babizelwa kudliwano-ndlebe nabathe benziwa uvavanyo lobuchule (psychometric). Igqiza ebelityumba belibunjwe ngoceba beDemocratic Alliance kwakunye ne-ANC.

UMnu. uGroenewald uthi ukugqala njengenyhweba ukusebenzela uMasipala wase-Overstrand kwaye ujonge phambili ekusingatheni imisebenzi yakhe emithsa

njengoko esazi ukuba uza kufumana inkxaso yeqela lamagosa kamasipala anobuchule nezakhono. Ukhe wakhahlela kwabo aza kuhamba emva kwabo abathe bathatha lo masipala bambeka kumanqwanqwa aphezulu.

UMnu. uGroenewald wakhulela eChristiesmeer eMpumalanga waza waphumelela ibanga lematriki eHoërskool Ermelo ngowe-1973. Ukuqala kwakhe uku-

xelenga uxelengele inkonzo yaseburhulumenteni kodwa ubesebenzela amagunya ezekhaya ukususela ngowe-1981. Nanjengoko ebeman' ukusela imfundo ngasese kwiYunivesithi yoMzantsi Afrika, wathi wafumana izidanga eziliqela ezinokuthanani nalo msebenzi neencwadi zomsebenzi kumthombo owawufudula uliziko looMabhalana beDolophu lase-Mzantsi Afrika.



With the new incoming Municipal Manager, Coenie Groenewald (second from right), from left, Werner Zybrands, Mzameni Mshenxiswa, Mayor Nicolette Botha-Guthrie and JJ Januarie.

UMBONISO UZA KUNYUSELWA KUMGANGATHO ONGASENTLA



Abaphumelele umboniso wenkonzo zikaMasipala ku 2011: ekhohlo ngu Mphathi kamasipala; Mnu Werner Zybrands, u Dirk Erasmus, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, Isekela Sodolophu uMnu Pieter Scholtz, uReagen Doti kunye no Mongameli uNeville Micheals.



Abachweli bakaMasipala bebonakala besemändleni emveni kosuku obeluxakile



Elizabeth Lowings kunye noReanli de Jager abakwisebe lezakhwiwo

NOKUBA UYINDODA OKANYE UNGOWASETYHINI, HLOLA AMABELE

Yimbinana nje yabasebenzi ethe yakho kwintetho engomhlaza wamabele ethe yaququzelelwa nguMongikazi ngoLwesine, umhla wesi-6 ku-Oktobha wama-2011. Ubememe bonke abasebenzi abangabasetyhini base-Overstrand yaye ngama-35 kuphela abathe bakhona.

U-Antoinette van Vuuren, oyingcali yokululwa kwamalungu omzimba (physiotherapist), ubesithethi sembeko. Kutshanje ubeye kuqeqesho olumalunga nomhlaza wamabele kwaye ubesiphathele inkcazelo yamvanje.

Xa ebegabul' izigcawu wenze amabal' engwe ngeengxaki zesinyi, ekubeni eyingcali ekuzinyangeni. Emva koko ke ungene kumba woonobangela bomhlaza wamabele kwanemiqondiso efanale ijongwe, ngaphambi kokuba abonise indlela yokuhlola amabele.

Ulenze lacaca elokuba ngelixa amadoda nawo enokuwufumana umhlaza wamabele kodwa ukwiqondo eliphezulu kakhulu kwabasetyhini kunasemadodeni ngenxa yamachiza abasetyhini ekuthiwa yi-estrogen ne-progesterone. Amanqatha avelisa i-estrogen yaye amaqondo aphezulu e-estrogen andisa amathuba okufumana umhlaza wamabele. Abasetyhini abanemizimba emikhulu badla ngokuba neswekile (insulin) eninzi egazini labo kwaye nayo yayanyaniswa nemihlaza ethile, kuquka umhlaza wamabele.

Kwisifundo esathi senziwa kwafunyaniswa ukuba ukwenza imithambo kuyazicutha iingozi zokufumana umhlaza wamabele. uMbutho woMhlaza waseMerika ukhuthaza ubuncinane imizuzu engama-45 ukuya kwengama-60 yokwenza imithambo kahlanu ngeveki.

U-Antoinette uqukumbele ngokuqhuba ukhuphiswano lokutsalwa kwamabhaso. Amabhaso athe aphunyelelwa abinzwe nguJaneke weHair dot com Hairdressing Salon, nguLindi Prinsloo weRefine Beauty Salon, nguLara de Kock weTLC Beauty Salon, nguJonelle du Toit we-Eve's Boutique ngelixa uRonel Meyer ethe wabiza ngepakethe yesipho esivela kwa-Avroy Shlain. USodolophu u-

Nicolette Botha-Guthrie, naye obekho kule ntetho, ukhuphe imali yokuba kufunwa izimuncumuncu.

Umyalezo kaMongikazi uthi wonk' ubani makahlale umhlaza wamabele. Nokuba uyindoda okanye owasetyhini, ku-

balulekile ukuba uyazi imeko yakho kusekutsha.

Nabani na onqwenela ukufumana inkcazelo ethe vetshe ngomhlaza wamabele okanye ofuna ukuhlolwa amabele wamakekile ukuba aqhagamshelane nam.



Umongikazi uHaleen Mouton kunye nophumelelelo uHayley Solomons

XHASA IPHULO LEENGXOWA ZOTHANDO

Ekusungulweni kwePhulo leeNgxowa zoThando lalo nyaka uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie wenze ikhwelo kubasebenzi ukuba balixhase eli phulo elijoliswe ekuziseni uvuyo nethemba kumahlwempu angathathi ntweni ngokuwanika iingxowa zokutya ngeKrisimesi.

Eli Phulo leeNgxowa zoThando laqaliswa njengesibongozo seKrisimesi ngumbutho oyiSt Vincent de Paul Society weCawa yamaKatolika kwiminyaka emithandathu eyadlulayo kwaye lithe lakhula ukususela ngoko laba yiprojekthi yoluntu exhaswa nazezinye iimvaba zecawa. Ngokutsho komququzeleli walo uDavid Kershaw injongo kukuzalisa iingxowa ezingama-2 500 nonyakanje, kodwa kuza kufuneka noluntu lume ngooxhongo. Nyakenye, kuye kwazaliswa iingxowa ezili-1 974, xa kuthelekiswa neengxowa ezazingaphantsi kwe-100 ezazaliswayo xa kwakuqaliswa le projekthi.

Le projekthi ibandakanya ukufumana ingxowa yokuthenga kuSpar ose-Eastcliff uze uyizalise ngezi zinto zilandelayo (ezi-xabiswa ama-R89): i-1 kg yerayisi, i-1 kg yeswekile, ipakethe eneengxowa zeti ezingama-26, i-400 gm yebhotolo yamandongomane, i-425 gm yee-pilchard ezikwisosi yetumata, i-200 gm yesoya mince (savory), i-1 kg yomngqusho, i-500 gm yeembotyi ezimhlophe ezinkulu ezomisiweyo, i-1 kg yomgubo wombona, i-410 gm yeembotyi ezinkonkxiweyo, i-750 ml ye-oilili yokupheka kunye ne-500 gm yetyuwa.

Xa kukho ubani onomdla wokunikezela ngengxowa, kodwa ongakwaziyo ukuya kunkinqa ezi zinto, umphathi wakwaSpar uthi loo ngxowa iya kuzaliswa egameni laloo mntu ngemali engangama-R88.60. Qhagamshelana no-Elize Verrij kule nombolo 8058 ukuze ufumane inkcazelo engakumbi.

MASILITHABATHELE KUTHI APHA E-OVERSTRAND ELI PHULO.

Ekukukumbeleni umnyhadala walo nyaka woMboniso kaMasipala, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uphinde wavakalisa ukuba ube yimpumelelo engathethekiyo waza wothulel' umnqwazi wonk' umntu obenenxaxheba kuwo. Uthe isigqeba solawulo sikamasipala sifuna ukuwunyusela kumgangatho ongentla apho uya kuthi ubandakanye uluntu ngokubanzi.

"Kufuneka sibe nomboniso apho siza kuthi sibonise izikolo noluntu ngokubanzi umsebenzi esiwenzayo neenkonzo esizihambisayo njengomasipala." uSodolophu utshilo. UMasipala wase-Overstrand ngomnye nje kwimbanana yoomasipala basekuhlaleni, ukuba asikuphela kwakhe ke phofu, oba nomboniso lolu hlobo.

USodolophu wenze ilizwi lombulelo kubaphathi namanye amagosa ngokuzijul' ijacu nangeengcamango zobuchule waza wathi ixesha nomgudu owenziweyo ekumiseni izitendi ubucace nakuthathatha. Waleke ngelithi asikokunxibelelana nje noluntu kuphela, kodwa ithuba lokudibana noogxa bethu abasebenza kwamanye amabele, libe sesinye seziquhamo zalo mboniso.

Abaphumelele indebe nonyakanje ngaba:

- **Ngokusebenzisana njengeqela:** Ziinkonzo Zokhuseleko;
- **Ngezona zitendi ziphuculiweyo:** Lulawulo LwaseGansbaai; yaye
- **ophumelele,** ngobuchule nango-kwenz' izinto zamehlo: lisebe lombane

UVUYO NO SIZI


Imbinana yamabali angothando

**USantie Reyneke-Naude**

utshate ngoMgqibelo umhla we-12 ku-Novemba wama-2011. "Emva kobusuku bangolwesihlanu obabupholile yaye bugqubuthele ngamafu", utsho uSantie, "yaye kwakuxhelw' eXhukwane sisitya isidlo sangokuhlwa nawo onke amalungu osapho amatsha, lwandula ke lwagaleleka olwangoMgqibelo usuku kwaye lwalusitho ngomkhomezelo phaya ekuseni. Kodwa izulu latshintsha ngokukhawuleza latyhila ilanga lagqats' ubhobhoyi eSwellendam, namalungu asondelelo osapho kunye neqabobana labahlobo (sasingama-55) silinde kwicawa iNG silindele inkonzo eyayiza kuqala nge-09:30. Lo mcimbi wabhiyozelwa kamva nge-champagne kwisidlo sakusasa kwiHotele iSwellengrebel edolophini. Ukuba ndingacebisa ndingathi yikholelwe intliziyo yakho nelizwi elingaphakathi kuwe yaye unyaniseke kwisiqu sakho ungabi ngqongqo kubudlelwane benu. Akukho nto yodlula uthando olunyanisekileyo, intlonelo nokuthembana ngokuhlala unaphakade".

**UWilhelm Benjamin**

"Yayilusuku oluhle ngokwenene olokutshata kwethu. Mna noDenezil besihlalisana kangangeminyaka emihlanu yaye kwiinyanga ezintathu ezigqithileyo siye sagqiba ekubeni sigane. Umtshato wethu uqhutyelwe eMount Pleasant kwicawa iVKG ngoMgqibelo umhla wama-29 kuOktobha wama-2011 kwaye umsitho womtshato wona ububanjelwe e-Overstrand kwiZiko iThusong eHawston. Elam icebiso kwabo bangekazimanyi ngeqhina lomtshato lithi, xa bethe bamfunana lowo uthe ngco entliziyweni bafanele bambambe bangamyeki. Bafanele bawathande kwaye bawaxabise amaqabane abo.

**UErika Maree noGrobler Basson**

bagane ngomhla wesi-8 ku-Oktobha. Baidibana kwiminyaka emine egqithileyo xa babefunda kwikhampasi yasePotchefstroom yeYunivesithi yoMntla-Ntshona apho bathi bafumana izidanga zokuCanda iDolophu nesiXeko. Ngoku bobabini bangabasebenzi abakuqeqesho apha. "Siyakunandipha ukuhlala kunye kwaye sisikelelwe ngokwenene ngokuchitha eli xesha apha eHermanus kunye."

U-Elsabé Stadler (owayefudula enguLiebenberg)

Ndandililolo iminyaka esixhenxe yaye ndandiyicinci nokuyicinci into yokuba ndingaphinda nditshate kwakhona. Ndatshi ndisakudibana noGert sabunguzelelana okwantoni na nje. Sasiqhuba iibhaya-yisekile kunye, sidlale elunxwemeni oku kwabantwana yaye kwakusiba mnandi ukuba kunye. Ndimthanda kuba engulo mntu anguye.



ULytle ekunye nenkosikazi yakhe uSimone ngosukulwabo lomtshato

INTSHATSHALI YEBHOLA YEQAQAMBA YASE-OVERSTRAND

"Ndiwuthand' egazini umdlalo"; utsho uLytle Tait oyintshatsheli yeqakamba yase-Overstrand. Usenzela amagqabantshintshi ngentsukaphi yakhe malunga nezemidlalo nangendlela ayithanda ngayo iqakamba:

"Ndaqala ukudlala iqakamba xa ndandineminyaka elithoba ubudala yaye xa ndandineminyaka elishumi elinesithathu ndaba ngukapteni weqela lentinetya yetafile kwiZithili ezikuMzantsi Ntshona. Ndandimele iingingqi yase-Oudtshoorn kwintinetya yaye ndandikwangumfundi ozinikelelo wekarati.

Ngowama-2007 ndazimanya neHawston Cricket Club kwaye ndifuna ukuhlala kulo mdlalo kangangoko kunokwenzeka ngenjongo yokunceda ekufunquleni umgangatho weHawston kwibhola yeqakamba, nokuphuhlisa abadlali abasathu-

kuzayo ekubeni babe ngabadlali beqakamba kunye neenkokeli eziphume izandla. Manditsho ndithi u-Alan Donald ekunye noHerschelle Gibbs wandikhuthaza ngitha umzekelo wabo.

Enye into endithanda ukunipha yona nengaziwayo luninzi lwabantu yeyokuba ngomhla wama-26 kuFebruwari wama-2011 ndazibopha ngeqhina lomtshato kunye nembeluka emanz' andonga enguNdofa-naye wam uSimone. Umtshato wethu waqhutyelwa kwiHotele iDiaz ephuzu konxweme kwiMossel Bay entlenethi ndijonge. Olu lwaba lolona suku lumnandi ebomini bam. Elam icebiso kubantu abafuna ukuzimanya ngeqhina lomtshato lithi yiba nenyano kwaye unyaniseke kwiqabane lakho; yiloo nto ke eya kunisa kumtshato owonwabisa-yayo."

BALIBHONGO NEQHAYIYA LABAZALI BABO!

Le mbelukazi ingu-Karien yintombi ka-Dirk noMadelein Erasmus, bobabini abangamagosa kamasipala. UDirk usebenza kwi-Sebe loMbane eHermanus ngelixa yena u-Madelein esebenza kwiSebe loLawulo lwe-Mihlaba.



UJamie-Lee Saunders, oyintombi kaGlenda Saunders, o-sisandla soMlawuli wee-Nkonzo zoLuntu, kwitheko labafundi bematriki ngomhla wama-29 kuSeptemba wama-2011. Simnqwenelile iziphumo ezihle uJamie-Lee nabo bonke abantwana "bakwamasipala" abenza ibanga lematriki.



UDafrane Dahl, oyingcali ejongene nolawulo lwezabasebenzi eGansbaai, ungumama onebhongo ngokwenene. Unyana wakhe uRobert wonylwe njengo-Mphathi wamaKhwenkwe eLaerskool Gansbaai kunyaka wama-2012. Kanti akuphelelanga apho kuba eli tyendyana lifumene imibala ephambili kumsitho wonyaka wesikolo wokunikezelwa kwamabhaso.



UNomie kunye noZingani Tshetu ngabazali abanebhongo neqhayiya bosana oluncinane olunguKhi' wakhe oluzelwe ngomhla wama-21 kuSeptemba wama-2011 eHermanus Mediclinic. Uzelwe enobunzima obungange-3,9 kg. OoTshetu aba sisibini salapha e-Overstrand: uNomie usebenza kwisiGqeba seLED ukanti uZingani yena iGosa lezeNdlela. Sinqwenela kwaye sinethemba lokuba uKhi' wakhe lo uza kuzisa uvuyo, uthando nethemba kusapho lwakwaTshetu.

EZIBUHLUNGU

- U-Oom Demas Siegelar uye wayibek' inqawa ngomhla we-11 kuNovemba nonyakanje eneminyaka engama-63 esidl' amazimba emva kokugula ixesha elide. Ubedume kakhulu phakathi koogxa bakhe beqela lamanzi apho ebesebenza khona nje ngomlungisi wemibhobho. Inkonzo yesi-

khumbuzo sakhe ibibanjwe ngoMgqibelo umhla we-18 kuNovemba kwikhaya lakhe eliseMount Pleasant nakwi-Old Apostolic Church eSandbaai.

- UMarion Baardman uswelekelwe ngutata wakhe yaye uPortia Paulse yena uswelekelwe ngumakhulu wakhe. Kubo bonke aba bathe bagutyungelwa lilifu elimnyama sithi akuhlangu lungenhlangu.

EZIHLELIWEYO

Kusapho lwase-Overstrand, thina siyathanda ukuncedana, kodwa sikwafanele siyazi oko esifanele siyenze. Leyo ke yinjongo yalo mhlathi weziHleliweyo. Sazise xa ufuna ukuthenga, ukuthengisa, ukutshintshisa okanye ukuqeshisa ngento ethile. Xa isikhewu sikhona, siza kukufakela loo nto kwizibhengezo zePhambili. Qhagamshelana noNoluthando Zweni kwinqanaba ethi 8911 okanye kwiGroupwise.

IISPIKES: Iispikes ze-Adidas (Meteor), No. 7, eziluhlaza nasilivere nemigca emnyama. Kubalekwe nje kwaba kanye ngazo. Zikwimeko entle kakhulu. Iispikes zengca netartan, zihamba nesixhobo sazo. NgamaR250 (kanti zona zazithengwe ngamaR560). Ukuze ufumane inkcazelo ethe xhaxhe nceda utsalele umnxeba uRentia (8084).

IFLETHI ONOKWABELANA NGAYO: Ingaba ukhe nabani na ofuna IFlethi anokwabelana ngayo nomnye umntu eMariners Village, eWestcliff, eHermanus? Hlawula i-R1 800 ngenyanga (iidipozithi ngama-R3,600 kwinyanga yokuqala nje kuphela). Xa unemibuzo: Ayanda Mili kule nombolo 076 881 1504.



UPENNY UTHI NDLELA-NTLE

Kutshanje oogxa bethu bathe ndlela-ntle kuPenny Strydom we-Ofisi yezeMivuzo. Uza kudla umhlala-phantsi ngokusemthethweni nangona ethe wangena kwisivumelwano somsebenzi ngokukhawuleza emva koko kangangexesha elifutshane ukuze aye kumsitho obubaluleke gqitha. UPenny waqala ukusebenza apha ngowe-1989 xa wathi waqeshwa njengonondyebo/umcwangcisi weencwadi zemali kumasipala owawusakwaziwa njengoMasipala waseZwelihle. Uhlengahlengiso koorhulumente bezekhaya lwabangela ukuba abe ngumsebenzi kuMasipala weHermanus eNkudlwana ngowe-1994. Emva kokuthi nqumama ixesha elifutshane ukususela ngowe-1996 ukuya kutsho ngowe-1998 xa wayeqhuba iivenkile yezinto zemidlalo eKhaledoni wabuya ukuza kuzibonela ukusungulwa koMasipala wase-Overstrand ekupheleni kowama-2000. Ekubeni ewathanda amanani uPenny uwunandipha kakhulu umsebenzi wakhe wokuba nguNondyebo kunye nothando olungazenzisiyo nobuhlobo boogxa bakhe kuyo yonke le minyaka elapha. Ubangqenelela impumelelo kwimisebenzi yabo xa bebonke yaye uthi uza kubakhumbula kakhulu. Bekunye noPenny (ongowesibini ukusuka ekhohlo) uSantie Reyneke, u-Elmarie Hooneberg kwano-Elisabé Stadler.

ABATSHA OKANYE ABANYUSELWEYO

ABAQESHIWEYO, NGONOVEMBA 2011

S Greeff	UMphathi: wezoKhenketho
MJ Samuels	Umncedisi Jikelele: kwiMyezo
HS Vermaak	Umncedisi Jikelele: kwiMyezo
EW Nutt	Umncedisi Jikelele: kwiMyezo

ABAQESHWE IXESHANA, NGONOVEMBA 2011

T Ntoyakhe	Ukuqeqesho de kube ngumhla
D Moshu	Ukuqeqesho de kube ngumhla

ABANYUSELWEYO, NGONOVEMBA 2011

PJ de Gruchy	IGosa loNyanzeliso loMthetho
S Immelman	Umncedisi woLawulo: kuLawulo lwabaNikazeli

AMAWAKAWA EZICELO EZIFUNYENWEYO

Njengoko kulisiko elidala neselide lanenkqayi malunga neli xesha lonyaka uMasipala ubhengeze izithuba zabasebenzi bexeshana.

Kulo unyaka kukho izithuba zexeshana ezili-178 ngethuba leeholide (ngomhla wesi-5 ku-Disemba wama-2011 ukuya kutsho kumhla we-15 kuJanuwari wama-2012) zokusebenza ngokuyintloko njengabacoci nanjengamagosa alawula ukungena kumaqula okuquba.

ABAZALWA KWINYAGA KA DISEMBA

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Baardman (nee Beukes), Marion	1	Ezezimali	Hermanus
Marx, Thomas Ignatius	1	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Ras, Kobus	1	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Engelbrecht, Hesmarie	1	Ezemibane	Gansbaai
Mkwasi, Zongezile Spoeding	2	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Fortuin, Anreas	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Nigrini, Johan	3	Ezemibane	Hermanus
Hanekom, Liezel	3	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Isaacs, Loriaan	3	Uplano Lwedolophu	Kleinmond
Pedro, Lorenzo Alton	3	Ezemibane	Gansbaai
Maki, Mncedisi Alfred	4	Ezemibane	Hermanus
Felix, Andreas Johannes	4	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Bouwers, Jacques	5	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Van Rooyen, Andre	5	Izibonelelo Zoluntu	Hermanus
Miennies, Donevan John	5	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mathikina, Mathemba David	6	Ezemibane	Hermanus
Mrubata, Phethuxolo	6	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Swartz, Cheslin Natasha	6	Ezezimali	Hermanus
Mars, Adam	6	Inkonzo Zokhuseleko	Kleinmond
Mantshinga, Lulama	6	Ulawulo Lwengingqi	Kleinmond
Felix, James Paul	6	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Drury, Steven Graham	7	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Mabhengeza, Abraham	7	Uplano Lwedolophu	Hermanus
Smith, Rejenuld Herold	7	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Lucas, Nico	7	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Kesner, Jonathan	8	Ezezimali	Hermanus
Cornelius, Olivia	10	Izicwangciso-nkqubo Ezisisiseko	Hermanus
Jansen, Israel Lambert	11	Inkonzo Zabaphathi	Hermanus
Esau, Dawie John Ricardo	11	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Hodana, Funisile	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Dreyer, Hendrik Johannes	11	Uplano Lwedolophu	Kleinmond
Havenga, Theunis Lodewyk	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Middleton, Marzaan	12	Ulawulo Lwengingqi	Gansbaai
May, Belinda Louise	13	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Valentine, Verguel Ambrose	13	Ezemibane	Gansbaai
Bruin, Peter	14	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Newman, Frankie	14	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Shumane, Konomfane	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Ngwanya, Nompumelelo Florence	17	Ezezimali	Hermanus
Nakan, Emmanuel	17	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Montagu, Shereen Levine	17	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Simon, Sakhiwo	18	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Lamont, Daniel Andre	18	Ezemibane	Hermanus
Mbatwa, Alfert Satsayi	19	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Kaleni, Zandiba	19	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Mthakazana, Themba	19	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Mbali, Attwell Mntuwakhe	20	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Johnson, Henley Merrick	20	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Wana, Sivuyile Morris	20	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Hansen, Daniel	20	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Joemat, Jakobus	20	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Banzi, Ntinti	21	Ezemibane	Hermanus
Gillion, Christopher Solomon	21	Ezemibane	Hermanus
Karelse, Karel Johannes	21	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Marinus, Lionel	21	Ulawulo Likubophelelwa Kwetyathanga	Kleinmond
Dlova, Zanemvula	21	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Wyngaard, Lucelle Macdalene	22	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Baadjes, Charl	22	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Erasmus, Fanandean	23	Inkonzo Zabaphathi	Hermanus
Lusiba, Vusumzi Isaac	23	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Nkanunu (nee Gcilihe), Nomonde	24	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Smith, Susan	24	Ulawulo Lwengingqi	Kleinmond
Mqakaza, Vuyani	24	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Keswa, John	25	Ezemibane	Hermanus
Socikwa, Nkwenkwezi	25	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Lemmer, Yda Anna	25	Inkonzo Zokhuseleko	Kleinmond
Mfengo, Samsoni	25	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Ponoane, Makhaya Vuyani	25	Uceba	Hermanus
Barry, Frazer Georgio	26	Ulawulo Likubophelelwa Kwetyathanga	Hermanus
Jacobs, Lawenda	26	Ezezimali	Gansbaai
Floris, Alfranco	27	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Lewis, Mireille Elisabeth	27	Ezezimali	Hermanus
Lourens, Zusara	27	Ezezimali	Gansbaai
Boto, Siphos	28	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Lukas, Llewellyn	28	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Petersen, Lynette Joy	28	Ezezimali	Hermanus
Slingers, Rico Johan	28	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Nel, Carmen	28	Ezezimali	Gansbaai
Tshandu, Mvuyiseko Gladman	28	Uceba	Hermanus
Petros, Tokwe	29	Ulawulo Lwengingqi	Hermanus
Mteyise, Bongekile	29	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Geldenhuys, Phillip Rudolf	29	Ezemibane	Hermanus
May, Edward Henry	29	Inkonzo eziqhubekayo	Kleinmond
Otto, Theuns Lodiwyk	29	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Afrika, Marcus	29	Inkonzo eziqhubekayo	Gansbaai
Koni, Jujuju	30	Inkonzo eziqhubekayo	Hermanus
Damon, Cameron	30	Inkonzo eziqhubekayo	Stanford
Gardiner, Lorton Siron	31	Uplano Lwedolophu	Hermanus